VulaBula

ISIXHOSA

Uthotho lweencwadana zebanga loMgangatho osisiSeko

Ingxelo yokufunda eshicilelweyo

Igama lomfundi

_____

Ibanga _____

IINCWADI ZESIXHOSA	AMAGAMA AMATSHA AMABAWAQHELE	IZANDI	UMHLA NOMQONDISO NGOKUTYIKITYA NGUTITSHALA	UMHLA NOMQONDISO NGOKUTYIKITYA NGUMZALI
INQANABA loku-✶				
Hayi!	uyacinga	ukuziqhelanisa izandi zonoobumba be-alfabethi		
Vula vala	iphi			
Baleka!	ndoda			
Lala	lixesha			
Bala	futhi			
Coca				
Zoba usike	mnye			
Mamela		nd		
INQANABA lesi-✶✶				
Jika	kakhulu	ukuziqhelanisa izandi zonoobumba be-alfabethi		
Utata usele nosana	thula			
Umnikelo	enkosi			
Lelikabani eli vili?	kakuhle, enkosi			
Uhambo	kakhulu	UKUQWALASELA KWAKHONA: nd NTSHA: mb, ng		
Sebeza	benje, namhlanje	UKUQWALASELA KWAKHONA: nd NTSHA: hl, th		
Ekhaya	apha, bonke, lilizwe	hl, kh		
INQANABA lesi-✶✶✶				
Ncedani!	ukhwela	UKUQWALASELA KWAKHONA: th NTSHA: nc		
Yophukile ifestile	ifestile	UKUQWALASELA KWAKHONA: nd NTSHA: bh, ph		
Uphi uZinzi?	uphi	UKUQWALASELA KWAKHONA: kh, nd, ng NTSHA: nz, sh		
Sityiwe isonka	efestileni, kodwa, uphinde	UKUQWALASELA KWAKHONA: kh, nd NTSHA: nk, ty		
Sidlala undize	UKUQWALASELA KWAKHONA: lixesha NTSHA: yho, ephi	UKUQWALASELA KWAKHONA: hl, kh, nd, ng, th NTSHA: dl, nk		
Izinyo	encwadini	UKUQWALASELA KWAKHONA: ng NTSHA: lw, ny		

IINCWADI ZESIXHOSA	AMAGAMA AMATSHA AMABAWAQHELE	IZANDI	UMHLA NOMQONDISO NGOKUTYIKITYA NGUTITSHALA	UMHLA NOMQONDISO NGOKUTYIKITYA NGUMZALI
INQANABA lesi-✶✶✶✶				
Evenkileni yempahla	umnqwazi	UKUQWALASELA KWAKHONA: bh, hl, kh, lw, nd, ng, nk, ph, th NTSHA: mp, nj		
Umnqathe omkhulukazi	kwihagu, impuku, yatsho	UKUQWALASELA KWAKHONA: bh, kh, mb, ng, nk, ny, th NTSHA: nq, ts		
Ibali lobugqi	watsho	UKUQWALASELA KWAKHONA: kh, nd, ng, nk, sh, th NTSHA: gq, rh		
Gcinela ingomso	emazantsi	UKUQWALASELA KWAKHONA: hl, mb, nd, ng, nk, nz, ph, th, ty NTSHA: gc, nt		
Isuphu yelityе	itswele, iminqathe	UKUQWALASELA KWAKHONA: kh, mb, nd, ng, nk, ny, nz, ph, th, ty NTSHA: ch, kw, nt		
INQANABA lesi-✶✶✶✶✶				
Idabi lomoya nelanga	amandla, ixhathisile	UKUQWALASELA KWAKHONA: gq, hl, kh, kw, lw, mb, nd, ng, nk, nt, ny, nz, ph, sh, th, ts NTSHA: qh, tsh		
Umvundla nofudo	UKUQWALASELA KWAKHONA: watsho NTSHA: ukuqhayisa	UKUQWALASELA KWAKHONA: dl, gq, hl, kh, kw, lw, nd, ng, ny, ph, sh, th, ts NTSHA: mv, ndl		
Ingonyama nempuku	UKUQWALASELA KWAKHONA: yatsho NTSHA: xhakamfu, uTitshalakazi, emva, incwadi	UKUQWALASELA KWAKHONA: bh, ch, gq, hl, kh, kw, mb, mp, nc, nd, ng, nj, nt, ny, nz, ph, th, ts, ty NTSHA: kr, nw		
Ukubhaka nomakhulu	UKUQWALASELA KWAKHONA: kodwa NTSHA: izandla, amaqebengwana, imvuthuluka	UKUQWALASELA KWAKHONA: bh, hl, kh, kw, lw, mb, nc, nd, ng, nt, ny, nz, ph, sh, th, ty NTSHA: qh, sw, ntl		
Edolophini	ibomvu, yindlu, cwaka	UKUQWALASELA KWAKHONA: bh, dl, gc, gq, kh, kw, lw, mb, mp, nc, nd, ng, nk, nt, ny, nz, ph, rh, sh, th NTSHA: ncw, ngq, nts		
UMzantsi Afrika ngowethu	uMzantsi Afrika, ngokutsha, ngesixhobo, ingwenkala, indwe, isiqwane, yintyatyambo	UKUQWALASELA KWAKHONA: bh, hl, kh, kw, lw, mb, nc, nd, ng, nk, nq, nt, ny, nz, ph, rh, sh, th, ts, ty NTSHA: kr, zw, ndl, ntl		

Titshala othandekayo,

Sebenzisa le ngxelo ilushicilelo lokufunda ukulandela inkqubela-phambili yabafundi. Umfundi ngamnye kufuneka abe nengxelo yokufunda eshicilelweyo eyiyeyakhe.

Uthotho lweencwadana zebanga loMgangatho osisiSeko ze*Vula Bula* lunamanqanaba ahlukeneyo. Uphawu lweenkwenkwezi ozibonayo ezishicilelwe ezincwadini lubonisa inqanaba. Umfundi kufuneka afunde ngempumelelo aziqonde zonke iincwadi kwinqanaba ngalinye, kananjalo ebalasela ebonakalisa ulwazi nobuchule ngokuphathelele kwizandi namagama amatsha amabawaqhele kwelo nqanaba, phambi kokuba baqhubekekele kwinqanaba lophawu lweenkwenkwezi elilandelayo.

OKUBALULEKILEYO

1-inkwenkwezi (✶) inqanaba: **zisibhozo** iincwadana
2-iinkwenkwezi (✶✶) inqanaba: **zisixhenxe** iincwadana
3-iinkwenkwezi (✶✶✶) inqanaba : **zintandathu** iincwadana
4-iinkwenkwezi (✶✶✶✶) inqanaba: **zintlanu** iincwadana
5-iinkwenkwezi (✶✶✶✶✶) inqanaba: **zintandathu** iincwadana

KwiBanga loku-1, bonke abafundi baqala ngeencwadi eziluphawu luyinkwenkwezi enye (✶). Bayakuthi baqhubekekele phambili ngeencwadi eziluphawu luzinkwenkwezi ezi-2 (✶✶), njl.njl. KwiBanga lesi-2, uninzi lwabafundi lwakuqala ngeencwadi eziluphawu luzinkwenkwezi ezintathu (✶✶✶). Bayakuthi baqhubekekele phambili ngeencwadi eziluphawu luzinkwenkwezi ezi-4 (✶✶✶✶), njl.njl.

Iincwadana ze*Vula Bula* zinokusetyenziswa ngeendlela ezininzi. Abantwana abafundi kwinqanaba elinye bonke ngexesha elinye. Ezi zinokuba lula iincwadana uyakuzonwabela nje ngokufanayo nezo zikhangeleka ntsokothileyo. Abafundi bangazigcina iingxelo zabo zokufunda ezishicilelweyo ebebezisebenzisa kwiBanga loku-1 baqhubekeke ukuzisebenzisa kwiBanga lesi-2.

Ezi ncwadana ziyingcinga egqibeleleyo nefezekileyo yokuziqhelanisa ukufunda kwababini nozimeleyo ekufanele imiselwe iqhutywe umhla nomhla yonke imihla njengoko kukhankanyiwe kwiCAPS (iphepha 14).

Makathi akuqiniseka umfundi, ezithembile elungile, akufundele ibali. Emva kokufunda, buza imibuzo ngokubanzi uvavanya uqinisekisa okokuba ulilandele ibali nemifanekiso iyaqondakala. Xa uqinisekile okokuba umfundi uyakwazi ukufunda uyalilandela nebali, faka umqondiso ngokutyikitya ingxelo yokufunda eshicilelweyo nomhla. Umfundi angakhetha enye incwadi kwakwinqanaba elinye okanye xa ngaba zonke iincwadi kwelo nqanaba sele ezifundile, aqhubekeke akhethe kwinqanaba elilandelayo.

Ezi ncwadana ziyingcinga egqibeleleyo nefezekileyo yokuzifundela ekhaya. Vumela umfundi agoduke nencwadi agqibileyo ukuyifunda egumbini lokufundela ze afundele umzali ekhaya, mzali lowo oyakuthi afake umqondiso ngokutyikitya ingxelo yokufunda eshicilelweyo nomhla.

Mzali othandekayo,

Esikolweni umntwana wakho ufunda ubuchule bokufunda iincwadi. Unethuba lokuziqhelanisa ukufunda kunye notitshala, kodwa oku akwanelanga! Ukuncedisana nabantwana abasaqalayo ukuphumelela ukuqhubela phambili ukufunda, kufanele sibaxhobise yonke imihla ngamathuba afanelekileyo okufunda ekhaya. Abantwana bayathanda ukunika ingxelo babonise ekhaya abakufundileyo esikolweni. Xa umntwana ethe weza nencwadi nengxelo yokufunda eshicilelweyo ekhaya, nceda zinike ithuba lokummamela umvumele akufundele. Ncokola ngemifanekiso ubuze nemibuzo ukuqinisekisa ukuba uyalilandela ibali. Wakube ukwenzile oku, nceda faka umqondiso ngokutyikitya ingxelo yokufunda eshicilelweyo nomhla. Umqondiso ngokutyikitya uchaza okokuba umntwana wakho uyifundile incwadi, kananjalo uyakulandela okubhaliweyo. Uyakuthi ke ngoko aqhubekele phambili nencwadi elandelayo.

© 2013 **Molteno Institute for Language and Literacy**